Thusano trust

# Ingcaciso yesiteyitimenti sakho sezabelo



**Isiteyitimenti sakho sezabelo sibonisa ngokweenkcukacha ukuba yimalini eyenziweyo kwintengiso yakho yezabelo.**

Nantsi ingcaciso yezona nxenye zibaluleke kakhulu zesiteyitimenti sakho sezabelo, kusetyenziswa umzekelo womntu okhethe ukuthengisa zonke izabelo zakhe:

| Isicwangciso | Isabelo | Umhla womyalelo | Umhla wokuqala ukusebenza | Uhlobo lwetransekshini | Inani lezabelo | Kukonke | Inzuzo etsalelwa irhafu | Ixabiso lentengiso | Iindleko zetransekshini | Isixa se-IT88 | Inombolo yomyalelo we-IT88 | VAT | Levy | Strate |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| Goldfields | Offer 1 – GFI | | 01/12/2025 | Tax | 195 | 63 081.72 | 144 122.14 | 739.0879 | 0.00 | 0 | 0 | 0.00 | 0.00 | 0.00 |
| Goldfields | Offer 1 – GFI | 29/01/2026 | 01/12/2025 | Sell | 195 | 144 122.14 | 140 181.60 | 739.0879 | 504.43 | 0 | 0 | 75.74 | 0.48 | 0.05 |
| Sibanye | Offer 1 – SGL | | 01/12/2025 | Tax | 195 | 4 936.01 | 10 968.91 | 56.2508 | 0.00 | 0 | 0 | 0.00 | 0.00 | 0.00 |
| Sibanye | Offer 1 – SGL | 30/01/2026 | 01/12/2025 | Sell | 195 | 10 968.91 | 10 968.91 | 56.2508 | 38.39 | 0 | 0 | 5.77 | 0.04 | 0.02 |

**IINKCAZELO**

| | | | | | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **Isicwangciso** – Esi sibonisa ukuba zeziphi izabelo zenkampani olubhekisele kuzo ubalo. | **Isabelo** – Umxhamli ngamnye ufumene iseti enye yezabelo kwiGold Fields kunye neeseti ezine kwiSibanye-Stillwater. Inye kuphela eboniswe kumzekelo ongezantsi. Le kholam ibonisa ukuba ubalo olwahlukileyo lwenziwe kwisabelo ngasinye. | **Umhla womyalelo** – Lo ibingumhla lowo umrhwebi ethengise ngawo ezi zabelo. | **Umhla wokuqala ukusebenza** – Lo ngumhla lowo zifumaneke ngawo kwaye zaba yipropati yomxhamli izabelo. | **Uhlobo lwetransekshini** – Oku kukuxelela ukuba ingaba esi sisixa serhafu esiza kutsalwa, okanye sisixa ezithengiswe ngaso izabelo. Isixa serhafu yipesenti yexabiso lesixa ezithengiswe ngalo izabelo. Oku kuza kuquka ukuboniswa kwamaxabiso kunye neendleko zemali emva kokuba kwenziwe iintlawulo, kwaye kubhekisele kwisixa esiseleyo esihlawulwayo. | **Inani lezabelo** – eli kukuba zizabelo ezingaphi zohlobo ngalunye anikwe zona umxhamli ekuqaleni, ngokusekelwe ekubeni yiminyaa emingaphi ayiphangeleyo ngomhla ezinikwe ngawo izabelo. | **Kukonke** – eli lixabiso lentengiso okanye ixabiso lerhafu. | **Inzuzo etsalelwa irhafu** – Ixabiso lorhwebo elibhengeziweyo ku-SARS ukuze kufunyanwe umyalelo werhafu. | **Ixabiso lentengiso** – Eli lixabiso eziithengiswe ngalo izabelo. Iintengiso zenziwe kwithuba leeveki ezi-6, ngamaxabiso awohlukeneyo suku ngalunye. Eli xabiso lentengiso lokugqibela leliphakathi elibalwayo kuwo onke amaxabiso entengiso, ukuze izabelo zomntu wonke zibe zithengiswe ngexabiso elifanayo. | **Iindleko zetransekshini** – ezi ziindleko zolawulo zetransekshini. | **Isixa se-IT88** – ukuba ngaba umxhamli unemali ayibamba u-SARS engekahlawulwa, u-SARS uza kukhupha i-IT88 eyalela i-JIS ukuba itsale isixa esibandakanyekayo kwaye asihlawule ku-SARS, phambi kokuba kwenziwe intlawulo kwiakhawunti yebhanki yomxhamli. Ukuba ngaba ikhutshiwe i-IT88, isixa esiza kutsalwa siza kuvela kule kholam. | **Inombolo yomyalelo we-IT88** – Ukuba ngaba i-IT88 ikhutshiwe ngu-SARS, inombolo yereferensi iza kuvela apha. | **Iirhafu neendleko zolawulo** – zibalwa ngokwexabiso lesabelo ngasinye. |

# Ingcaciso yesiteyitimenti sakho soqinisekiso lwetransekshini



**Esi siteyitimenti sishwankathela izixa, iirhafu neemali ezihlawulwayo ezisebenzayo kwaye sikubonisa isixa esiseleyo kuso ngasinye sezabelo zakho ezithandathu.**

Le ngcaciso isebenzisa umzekelo owahlukileyo womntu okhetha ukuthengisa izabelo zakhe kwaye onomba we-IT88 okhutshelwe iirhafu ezingekahlawulwa:

| Ireferensi yorhwebo | Inkcazo yorhwebo | Ubunga-kanani | Umhla | Ixabiso lesabelo | Ixabiso lentengiso | Inzuzo yentengiso | Iindleko | | | | | | | | | Net Proceeds before tax |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| | | | | | | | Option Money | Brokerage | Levy | Strate | Admin Fee | Tax Directive Fee | VAT | STT | Transfer Fee | |
| THU56784 | Sell | 282.00 | 01/12/2025 | R 739.0879 | R 739.0879 | R 208,422.79 | R 0.00 | R (729.48) | R (0.69) | R (0.08) | R 0.00 | R 0.00 | R (109.54) | R 0.00 | R 0.00 | R 207,583.00 |
| Less: | Tax Per Tax Directive* | | | | | | | | | | | | | | | R (37,516.08) |
| | IT88 Per Tax Directive** | | | | | | | | | | | | | | | R (35,199.98) |
| Amount due to you on sale of shares after costs and taxation | | | | | | | | | | | | | | | | R 134,866.94 |
| **Net effect: Due to you Excluding any SWIFT fees***** | | | | | | | | | | | | | | | | **R 134,866.94** |

**IINKCAZELO**

| | | | | | | | | |
|---|---|---|---|---|---|---|---|---|
| **Ireferensi yorhwebo** – inombolo yereferensi yezabelo | **Inkcazo yorhwebo** – ibonisa isixa esisebenzayo esinxulu-nyaniswa nentengiso yezabelo okanye iirhafu ezitsalwayo | **Ubunga-kanani** – inani lezabelo ezithengi-sweyo phantsi kwezi zabelo zithile | **Umhla** – umhla woku-fumaneka kwazo xa izabelo zisiba yipropati yomxhamli | **Ixabiso lesabelo** – Ixabiso lesabelo ngasinye esibhengezwe ku-SARS, elisetyenziswa ukubala inzuzo etsalelwa irhafu | **Ixabiso lentengiso** – Ixabiso eliphakathi ezithengiswe ngalo izabelo | **Inzuzo yentengiso** – Isixa semali eyenziwe kwintengiso (inani lezabelo x ixabiso lentengiso) phambi kotsalo | **Iindleko** – irhafu kunye neendleko ezahlukahlukeneyo zolawulo ziza kutsalwa | **Inzuzo eseleyo phambi kokutsalwa kwerhafu** – imali eyenziwe ngentengiso yezabelo, kukhutshwa iindleko |

* **Irhafu ngokomyalelo werhafu** – isixa afuna sitsalwe u-SARS njengerhafu kumxhamli sisekelwe kumyalelo werhafu okanye isikeyile serhafu ngokengeniso yomxhamli

** **Irhafu ngokwe-IT88** – isixa esitsalwa ngu-SARS ukuze afumane imali ebanjwa u-SARS ngumxhamli

*** **Isixa esisele** – isixa ekufanele usifumane kwiakhawunti yakho yebhanki. Uza kudibanisa isixa esiseleyo esivela kuzo zonke zozithandathu izabelo zakho ozinikiweyo ukuze ufumane isixa esipheleleyo esiza kuhlawulwa kuwe